Me: ngowu yeke ube undi xoxisa mahn (besendi thethela phezulu nam ngok), I do not want to think about this, the sooner I get this over and done with the faster I can go back to my life

Her: life is not fair, here I am pining over having a baby and wena are pregnant one and don't even want it

I could see she was emotional, I had forgotten about all that was happening in her life, phof nani mos niyabona ukuba my life was falling apart, eyam intloko ibi gcwele nje everything that was being thrown at me. I apologised to her and told her I didn't mean to lose my cool with her, but I really didn't want this baby. She asked me to think about it before I did it, she said that my hormones were messed up now, and maybe I needed to wait a little before I made any rash decisions. Akho rash decision niks I was not keeping this baby and I was not going to change my mind. I agreed that I would wait just to get her off my back, she said I should get pills for the nausea so long and make an appointment with my OB/GYN because no matter what decision I made I would have to see him.

She told me she would call me to check up on me, I asked her not to tell anyone yet, if there was any telling to do I wanted to do it myself.

After she left I had cried my eyeballs out, I had slept with someone else's man and now I was being punished for ukunyolukela indoda yomnye umntu. I wanted a redo, I wanted to go back to that morning and ask him to put on a condom, no don't get me wrong I would have still fucked him, kalok mna im not in a relationship with anyone, he is the one who cheated on his girlfriend, mna I just got some D, and bendingazothi hayi ndiyi gqibele kudala nalo D, the only fuck up I did was not insist he use a condom. Ndalala ndingulo no nyembezi ke. I was going to head to kwa langa the Saturday morning, I wasn't going to tell my mom anything, but nothing makes me feel better than being at home.

The weather was nice and gloomy I was going to sit on the couch with my son sibukele ipopeye zakhe andi xokisele ngazo ke.

I packed my little weekend bag and headed for the pharmacy qala, because I had thrown up nyani ekuseni and I wanted

those pills to stop the nausea, after I got them ndayo ngena kwa langa. Ufika kwam at home bekunuka kamandi sana, umama was making steam bread ne ntloko yegusha, bendizoke nditye kamandi sana. She was really happy about the things I got her in Durban, enxola ke about how beautiful she was going to look, ebezoko gqitha obani no bani kulo mabhaso, niyamazi ke nani isis wenu ngozi misela. She had commented on how light I was, I laughed it off ndathi kuye oko ndamhlophe nje mna so andiboni tu lento ayithethayo. I spent Saturday with my favourite people, luckily for me the pills had worked and I kept my food down. I had thought about when I'd do the abortion, I had decided that I would go see the OB/GYN this week and get this abortion past me as soon as possible, how hard could it be right.

22.

Ba azange wapakiswa in your life than I suggest you call your gynaecologist today and try to get an appointment with them for that very same month, uzo phola ungathandi sana. It was nearing the end of the week and I had called several gynaecologists who all gave me the same lame story. I would call in than I would tell them how far along I am, the receptionist would than tell me that they only had openings 6weeks from then ,others would just stretch it and say that they could see me in a month, I just had to start taking prenatal vitamins as soon as possible. Bendidikwe moer tu, I was almost at the 5 week mark already, I needed to see a doctor and I needed one fast.

My plan of action now was to talk Xola in to hooking me up with a doctor fast I mean that's what friends are for right. She would probably want to come with me, oko endidikile the whole week sending me texts about how blessed I was blah blah. Andimazi ukuba ucingba mna ndizo hlala nini kwi multi

million rand house le yena alala kuyo xana ndizobe ndiphipha inappies.

I called her, but the thing was I now had to lie to her about keeping the baby, but luckily she didn't ask she told me she would talk to a friend of hers and see if he would squeeze me in. Nyani ke that very same Friday she called me back wathi her friend would see me in 3weeks that was the best he could do, I just needed to go to a path-care and get an HIV tests ASAP and take it with me when I went to see the doctor. Kumandi ke yaz uba nechomi ezisezintweni sometimes. It was settled, I left work immediately ndaya kulo path-care leyo, they had a testing centre right next to medi-clinic in town. I got counselled, is it just me or is it the most stressful thing ever, not getting the actual test done but listening to someone tell you a load of bullshit about how HIV isn't a death sentence.

I needed a full blood test done which meant I'd only get my results in 48 hours, zinto za Monday ezo. Nande was with his dad this weekend so I was not going home, I was going to work this weekend and I was in no mood to see anyone anyway. Nyani ke Saturday I woke up early went to the gym, came back and dove straight into my work, working kept my mind pre occupied and bendithanda kanye lonto. Litha called me and

asked me to go to elokshini with him tomorrow, I tried to talk out of it, but ayimva uhayi eyam ichomee.

Sunday he texted wathi use Groova park with the team (the team are his gay friends and are my acquaintances, we go out together but we are not friends) ndathi ndiyeza ke. Niyandazi ke nani ukuba ndiyi cheddar mna, ndi yellow kakbi and the amount of hours I put into the Gym had given me what I like to call fuck me legs, nike niyi bone imilenze yeza track runners zase Jamaica, that was me, I had ithanga for days but beli fit lona qala. I put on a pair of denim bum shorts, a white oversized T-shirt which I let hang at the back and tucked in the front, white leather chucks and my aviators. Bendingaszoze ndinga fishi, I did not have a man, and even though I initially did not want to go out, I had a reason to get drunk the fuck up and have fun. Threw a jacket and pair of jeans into the car just in case it got chilli later, ndayongena ekhayelitsha ndimamele uLebo Mathosa, and nani ke you all know ukuthi the Lioness CD iyabasela. I parked my car and luckily the team had gotten there quiet early so they were parked right in front of ichisa nyama. Ndifike ndabona ba kuselwa ibotile ne wine ndaqonda ndizozi faka kule wine, I had work tomorrow I did not need the

type of hangover ebendizoyenzelwa yi Cruz ne Jameson. Ndifike ndabamba iglass ke andabuza nam.

Yanda: awuseyo bitch Linda rha

Me: ngantoni na ngok peto

Him: rha sies ude unga nxibi bitch, ufuna lamadzodza abone wena wedwa swine, utsho ngama thanga ingathi ngaka Serena Williams apha, uyadika yaz, Litha ubumbizela nton na lomntana apha

Me: lol, haibo Mayandrish abantu bam asoze tu kalok babe ngabantu benu

Him: ucinga njalo bitch, akho apho ndinga fikeleli khona mna, uyeke nje lamadoda esi fihla kuni, siba funxa baphambane xa ningekho

He was not lying, I had been around them for years now, I had seen many a what I thought were straight men bekweletela ezi mofi. Ibiba mbi into sana xa umntu efuna uhamba nomntu nge

nkani, ndingayaz noba unqatyelwe na caba uzothi uyindoda endala ube ubetha enye indoda for impundu ezi zayo. Kuye kwa mandi ke eparkini ivibe isitsho, later on someone in the team had suggested that makuyiweni eGQ, I hadn't been there in forever so I was game. Ufika kwe xesha lokuba maku hanjwe ayavuma sana iHead Bitch ekutwa ngu Yanda.

Me: haibo Yanda sudika mfondin, bekuvunyelenwe nje uba siya kwa Gqudu

Him: ndifuna uya kwa Mabheka mna

Advertisement

hambani nina bantu base Gugulethu, niyozi dubulisa pha

Me: abanye bagoduke ngantoni Yanda because mna no Litha sibeka kwelinye icala wena uzobuyela emandalay nje, so u will take them home

Yanda: inoba sendingu notaxi mos

Litha: uyadika kanene wena xa ubatyiwe yaz, akhonto ikusa kwa Ace ufuna nje uwinwa ngula Dj

Yanda: ngumntu wam lowa, umntu uwinwa njani ngumntu wakhe

Me: uban ngok Litha

Litha: lamntana u oulik mahn uyi dj pha kwa Ace, ndizok bonisa because clearly this one is not budging, masiye kulo Ace wakhe ke, kuzo nkala yena.

Nyani ke we went to kwa Ace, safika sekugcwele nani niyayazi mos yi corner I Groova lounge akho space fokol. Besi ngabo bantu ke bamileyo because the Vip was occupied, nazazi iregulars amabenki amarhuzo (those of you who are not from cape town will call them amagintsa, amadoda a busy nge credit card fraud ne robbery) bebe yenze lo all white party yabo ke apho inga cacanga. Litha was starting to get ticked off, nam ke bendidikwe yile standing business besi yenzile when someone came wandi krewca, xa ndibeka yey mahn natsi into yam yakudala.

uAndile is the last guy I went out with before uLutho, I lost my virginity to him, waye hlala kwa Langa ke naye, oh ndandimthanda ke lomntu, but ke nani niyazazi ezanto zojola ne ou engeyo yakho because he had a baby mama ebejola nayo, seyi suka nokundi nyisa lo baby mama lowo, but ke that's a story for another day.

Andile: awunqabe Pinkza

Me: andinqabanga niks Aja, nguwe kalok umntu owahamba kwa langa awatsho nokutsho

Him: yhu wena ngok wawundibaleka kangaka mfondin

Me: ndandizothini ungak baleki , sendibetelwe wena

We had made small talk wethu, catching up because ndandim gqibele kudala, sithe sikulo ncoko ke yeza intombi encinci yathi ku Andile ukuba ufuna yena, u Andile wathi uyeza usa ncokola nam. Bendi jamele le ntombazana kuba ndiyayibona ukuba ngumntana lo. Why are o UNLEADED (AMA '95/IBORNFREES) bengena mbeko kangaka mahn bona, le kritsi ka Andile akhange ifune novha into yokba iou yakhe ibisancokola nam yathi : “ sundiqhela mna Andile, uthi mandilinde uthetha no magogo, utsho ba uyamtya” hayini nimvile na lomntana, bacuase mna ndimvile and bendizom sorta fast

ME: jonga apha sana lam, you do not know me from a bar of soup, so ungaku linge undi qhele mna, ba ufuna ndikushwabanise utsho ngok ndikfake ingqindi emqaleni kwa lapha, Jonga mahn Aja sophinde sithethe wethu, le bitch yakho yona ingathi ngoyi funela ichaina fast, because ndambona utshatsharag

I than went back to talking to uLitha and the rest of the team, bebesezithe ntsa indlebe so they had heard the altercation, akhange ba libazise to put in their two cents worth about how ezi takalani bezi delela ngakhona. Akhange sibe sahlala long after that asizoma busuku bonke kalok ingathi sikwi concert asoze sikwazi tu. Siphume phandle ke and Yanda was going to stay and one of the others was going to drive his car, ibizi

cacele nje ukuthi lo Dj wakhe ebezohamba naye nyan. I was parked a little far mna than bona, ndithe xa ndizo ngena emotweni nda kwazwa ngu Aja he came to apologise about earlier ndabe ndimxelela ba andikho kulonto, sithe sesame njalo kwa githa ipolo, but I couldn't see who was inside yapopoza andayi hoyo, tshin nanku umntu okle moto ekwaza

“ HEY ANDILE SUNDI QHELA UMNQUNDU UYEVHA” xandi jonga lomntu uvule the window, thiza nanku ubaby mama, akhange ndilibazise ndishiye apho nalo Aja, I got into my car ndemnka. Bendiyoika la ntombazana mna, wandi donora goed.

23.

Something was going on here at work, I do not know what it was exactly but ibikhona into because my boss who was usually a very laid back person was acting really strange and it made us panic, we were not use to the environment he had created lately which was one of hostility, bekuske kwa serious man, and ke lonto meant no falling back.

It had been two weeks now which meant I was 7 weeks pregnant, I had one week to go and I would be home free. I hadn't gained any weight so no one had suspected a damn thing, my mum was going on about how nice my skin was, ebusy esithi naye uyayi funa le Clinique yam indenza mhle nje. The upcoming Sunday I was going to have to go home, ibi zoba ngumjikelo womama this Sunday so I would be on mommy duty, nani niyayazi into yase wesile xa kuzo kwenzeka umdlalo, iba yinto enkulu etsalayo. The previous weekend I had lunch with my friends, Xola had not said a word to anyone, I can always trust her to keep a secret akafani nalo Barbie Gabon (the black barbie) unguThato who can't keep her mouth shut. At the lunch Thato could not stop talking about uKhaya(you guys

remember the hot guy she met at Cubana othanda ukumsha kodwa akakwazi, yes yena kanye)and the awesome sex they had been having, usisi wena was having an affair with ubhuti lo and ngobona kwam bebe fast, because she was adamant on now taking the job offer in Jozi and her contract at her current job meant she had to wait till the end of the financial year which meant she had to stay put in Cape Town for almost another 10months.

Xola was still separated with uSizwe, the asshole hadn't made contact and apperntly Asanda had given birth, she was still trying to get over the heartbreak, she was considering divorce but had told us that she wasn't emotionally ready for the battle that she knew was going to happen ounce she filed for a divorce. I was up to date on their lives, Litha and his Tee-man were still seeing each other, but I didn't know what iparticulars of the arrangement were all I knew was that even though ebekho uTee-man in the picture, my friend was seeing other people as well, maybe it was his way of ensuring that Mr big shot doesn't break his heart. Mna I was not discussing a damn thing with any of them, Xola had assumed that I had had a one night stand in Durban and ke nam bendingazom lungisa niks, makabambe le azi xelele yona.

Sunday bendisendlini ke with my son. Phof ebendi shiye kulondlu on my own he had gone to play, ndiyonqenile mna icawe because I knew that izotsala and therefore didn't even bother going, umama ebezobuya ashoutise ayeke sana bendinga soze ndenze lonto mna. I was sitting alone ke watching tv when someone knocked on the door, xandiyovula it was uYolanda. uYolanda ke was uBhut Vuyo's on and off girlfriend and baby mother of three beautiful kids

Advertisement

kalok sizi nkenkwezi apha ekhaya and ke uYolanda was beautiful, ebemhle and ubuhle bakhe bebunga tshintshi tu. I wasn't expecting to see her I told her to come in, she said that ufuna my mum, ndamxelela ba akekho but told her to wait, enye into bendimjamele ebusweni because ebe Blou end bond ebethiwe apha ebe betwe khona, ne ngalo le yakhe ibine camente.

Niyandazi nani ngo thanda izinto akhange ndimlinde nomlinda sana ndambuza ba kwenzeke ntoni, wasibeka ke istory sakhe. She and my brother were currently not together because uye

washiwa and being the quiet person she was is akhange abe eyitsala she had let him be. Caba ke the previous night she was with ichomi zakhe eGugulethu and ubhuti lo wam ufike apho klo sit in wacela uthetha naye, uthi after ephume phandle uVuyo umbethe goed, ebethela into yokuba yena Yolanda she was out ebsuku. When she was telling esi story she was crying, ndibhlungu nam. I've known her for the longest time, she is a good person and I really think that she loves uBhuti wam but ke he takes her for granted. uYolanda is a ride or die chick, I remember when uBhuti waye banjiwe apha, uYolanda evuka ekseni ingathi uphambene twice a week every week equqa ipolsmoor ingathi uyabatalwa, she would use the little money she made at her job ahoje lo Vuyo lo kulo trongo athenge zi warders zifake ipillis ne tsango. Namhlanje umbulela nge kaka, amadoda kodwa asenza sikhohlakale ngelinye ixesha kuba mna ngendandimfake izembe kudala kalok umntu ozothi ejola andibethe ndibe yoko yoko.

At one stage uYolanda stayed with uBhuti eBlue downs, nalapho wagxothwa ngobusuku kuba ubhuti lo wam wayeze nenye inkazana and kalok lo uthuleyo ungu Yolanda yena kwaku funeka anga kweleti xa kusenzwa ezonto. Caba ke lomini

leyo wakweleta wakuphambisa phandle nenzala ezo zakhe. I asked her why she had come to see umama, she told me that ebefuna ucela umama so that abantwana bazohlala apha endlini for a while, ebezoke ahambe yena nje kancinci because uVuyo had sent her an sms last night after her friends had taken her esbhedlele esithi uzomdubula anye njengaba esisfebe nje, she showed me the sms.

Akhomntu ufuna ubhuti wakhe abanjiswe guys, but besendifuna ukuthi kuyo landa makambambise, I held myself back ndathi ndicela mna afuna a restraining order, because lento bebeyenza no Vuyo wasn't good for the kids, noko there eldest was 15 so ebemdala akho chance ebengayiboni lento bayenzayo abazali bakhe. Umama ke ungene ndisa cebisa ke ndingu nontalontle, akhange abe ebuza uyiqonde nje ukuba ngu nyana wakhe lo wonzakalise uYolanda. I told my mum what happened akhange abe elibazisa she called her son immediately wathi makeze endlini ngok, ebedikiwe zezi zimbo zakhe anazo.

I knew my mum, ibizoba nde yonke lento ibizokwenzeka apha, and I felt like I had to stay, because if ever uBhuti ebezophumela ecaleni umama would not have amandla to stop him. Ndimazi mna uVuyo ebezo phanjaniswa na yilento uYolanda eze apha endlini wazom xela.

24.

Yolanda's POV

Ukukhula kwam azange ndiyi cinge into yokuba ndingande ndibe lolu hlobo ndingalo ngoku. I think when you have gone through the type of emotional abuse I have gone through awukwazi unga tshintshi, and this is not a change I would have wanted for myself. Kutwa ubunzima buyamqinisa umntu but mna bundi gobile.

Vuyo had made me the weak woman that I am today and I had let him. Through the years I had always thought that sticking with him and overlooking all that he did wrong, that he would finally realise that I was a gem to be cherished. I think ndiqale ngoyi bhuda apho, thinking that by sticking around he would grow up and decide what he wants and assuming that he would want me to be a part of his future. Ndazi qhatha sana and ndazi qhata for years at that, wasting so many years acting as a wife to someone who could not even respect me enough that xa ejola angajoli with people I knew.

I had been with uVuyo most of my life, I was 35 and we had grown up kwa Langa together. I remember when he started making money I was just out of high school, endifuna manzi na shushu umntu. He was a pretty boy, yi pork entle emhlophe

waye funwa ngumntu wonke, niyazazi ke ezanto ze chomi, zazi mandelwa kuku kutshwa kuyiwe elwandle nge festive kunxilwe kube mnandi. Saphela sijola njalo no Vuyo, andizu xoka kwaku mandi I never needed anything and ke nani niyayazi lanto yojomlo namadoda aphantayo, kuphela kujolwa as friends so kwaku soloko kumandi ke sihleli as a group. At the beginning he treated me like a goddess akhonto ndandingayi fumani ne gusheshe yayisoloko ikum ndingu madam, izinto zizo moshakala right after I gave birth to our eldest. Andithi ndingulo mna uhleli endlini no sana, so ke ichomi zam would come back after bekuphunyiwe be mane bendixelela that yey uVuyo soloko ehamba nentombi. I did what every girl did ndambuza ke ngalo ntombi waphika, ndazibalisela ke nechomi zam ukuba uVuyo uphikile. Nyani ke I stayed at home because my mum is old fashioned wayengafuni noba umntana nditake naye, ndandi ngayi ndawo tu, ndandibisa emini xa engekho umama ndimngenisa pha ekhaya uVuyo. For our sons 1st birthday senza iparty ke inkulu nalo party iyi waste nje but we had fun. Soon thereafter my mother had given me permission ukuba ndinga mane ndihamba but ndimshiye umntana.

I remember this day so well because the amount of pain he had caused me that night was so deep that andika xoli na namhlanje. Kwaku fike igroup andisakhumbuli yinton lo group but wathi he is going there mna I was going to stay home, my friend arrived ekhaya silele ehamba nomntu wakhe wathi

masihambe nyan ke nam ndahamba kuba ndifuna uya to the show. Umhlola sana endawubona ufika kwam pha, Vuyo was there with a girl, kugonenwe kumnandi kuthandanwa, I had walked up to theme ndizi xebele that ndizombuza ba nguban lentombi, wathi wondibona wathi entombini yakhe “baby nantsi lento ke ingafun uyivha into yokuba andiyifuni”. Ba niyayazi intlungu yoku hlazwa ngumntu omthandayo phambi kwe chomi zakho than uzoyazi sana idlela endandi traumatised ngayo. Azange ndikwazi no phendula enye into I was surprised I had thought that he loved me and that this girl was probably his side thing. Kanti ndim isibanxa kule equation, ndazogqibeka kulento yokuba my friends boyfriend ingafuni undi godusa so I had watched uVuyo ne ntombi yakhe besitya ulove pham kwam ingathi andikho. Ndathi ndofika ekhaya that night ndakhala ingathi ndibujelwe. Ndandiso nyanya nomntana lo wam kalok because yinto emhlophe efana no tata wayo inalo mehlo makhulu. Ndandingu talk of the town sana and akhomntu waye ngayazi ba umadam ushiyiwe. Ndashiwa ndashiwa sana uVuyo walibala nokuba unomntana kum. Inoba 3weeks after the incident I went to his house ndiyomfuna imali yomntana waske wandixelela into yokuba yena azange afune mntana. Noba ndikhangeleka ndili pece pece, that day I had decided that I was on my own noko I had matric, I was going to look for a job because my mum was a domestic worker so bendingafuni ukongeza istress ekhaya since I had a younger sister as well.

Nyani ke ndaphuma ndingena sana ndifuna a job, nyani I got a job as a teller at a bank.

Ukuba niya yazi icent ndandi senza yona but ke I am a hard worker, ndiya khumbula on my sons 2nd birthday azange ndithenge ne cake because ndandi busy kukuthi chu indlu le yase khaya engu 4 room , ndandi ngenzi nto enkulu wethu I was adding a bathroom and another room sitsala nase front nomama. My mum and I besincedisana and nam I had managed to get a loan. Bendingeka joli tu, kalok akhomntu uzondi gqula esazi ukuba ndingu baby mama ka Vuyo.

I had seen him multiple times, engabuzi niks ngomntana wakhe nam ke ndizi xeleda that I am not the type of person uzobe ethukisela lonto ibe ngathi ndiya kweleta, waye ngulomntu ke unemali otshintsha amantombi bendi up to date nge ndaba zakhe because some of my friends bezi jola ne chomi zakhe. It was on my sons third birthday, andiyazi emveni kwe 2 years wayemcinga ngantoni umntana but waza ekhaya ke ephethe lompahla ininzi yomntana. Wafika ndingekho mna ndayiboniswa ngu mama ufika kwam. I was so angry yaz, a part of me wanted to burn up lo mpahla leyo, but ke umntana wam wagqibela ese lusana unxiba oKeedo no Mad Dog so ndazi xhumela wethu. He was coming around oko ngok, athethe umntana aphinde ambuyise, ndibone xa kubuywa ukuba nam ndiroliwe noba kunge watch or lo topana wethu. We had

started talking now and nam bendingabuzi nto ininzi besendimandelwe sisi hoyo esi he was giving me. Wathi umntana wam xe egqiba i5 yabe sendimithi owesibini, ndithe kulomitho lowo ndevha ukuba he had impregnated someone else at the same time, xa ndimbuza waphika. Le ntombi yakhe ke had lost the baby, yaza ekhaya yazo thukisa yathi ndibulele umntana wayo nomama wam. I called uVuyo ndathi makeze instead of ukuba anqande intombi le yakhe waske wancedisa intombi le ukuba kuthukwe umama lo wam, wandiqwela kengoku xa yena Vuyo ezokuphula ifestile zase khaya esithi kakade zifakwe ngemali yakhe.

My mother waqala ngala mini ukumonyanya uVuyo ebuza ukuba lidimoni lomntana waphi amenze ntoni elizombuyisela umva engena nto yena. Ndade ndayo zala sana uVuyo enga bethi niks enga khange azolucela uxolo. Inoba ndandine zothe kuye.

My son was a couple months old when he called wabe esithi kum ubanjiwe ucela undibona, nyani ke ndaya ndombona wacela uxolo, nam ke kuba ndimthanda ndamxolela. Akhomntu uno thando nje ngomntu obanjiweyo, ndayi hlala ke lo 2years ndijola ne banjwa ndinyuka ndisehla ndisiya epolsmoor week in week out. Ndinga khathalele lo kaka ndandiyi phangela. Uthe wophuma uVuyo wathi he wants to start afresh ake ayeke umosha,nyani ke wathatha indlu yakulo mamakhe eNyanga

wathengisa utywala khona, nam ke wandirola nge polo, ndaqondba he had used his time in jail to reflect he was a changed person. Samithisana ke because wathi ufuna omnye umntana ake abekhona xa umntana wakhe elisana. Esam isibeleko ke sinobubele nyan ke ndamitha for the third time. I do not know ukuba ndine bhadi na or ntoni xa ndimithi but ke, kwathi ndimithi njalo I drove to eNyanga on a Sunday nje ndiyohlala pha, caba kulama ntombi nawo ayekhona pha kukho eyayi yeyakhe, wandi donora apha phambi kwalo mantombi uVuyo ndimithi ndinjalo. That was the first time endibetha, and ever since than azange aphinde ayeke sana, wayesithi oxabana nenkazana yakhe awukuphele kum lomsindo wakhe.

I had forgiven him multiple times over the years, ndisenza lo ndehle ndenyuka naye, yathi emven kokuba endi dudule endlini yakhe ebsuku kuba eze nenkazana I took the decision that andinoze ndiphinde ndimlandele mna. Na last time sijola besijolela pha ekhaya because I did not want to be doing u up and down naye, but ke ndaphinda ndashiwa and into ezondi gqiba kule game is that ndishiwe kwa ngumntu who I thought was my friend. Ndimdala kalok ngoku andisa jonganga mali ka Vuyo noko le 13 years ndise bank akhange ndiyeke msebenzi, ndafunda no funda ngok I was a branch manager and noko bendikwazi uzondlela.

Last night I do not know who told me where I was, he had been calling me nonstop for a week ndingam hoyi because ndiyayazi ba unayo igf and he is not calling about abantwana because wathengela unyana wakhe omdala iphone waqala imikuba yokuthi xa singa vani imali ayinike unyana wakhe angayi niki mna. Last night ufike ndise Gugulethu kwi sit in, andiseli no sela mna for lento ebezondenza yona, ufike wathi ucela undibona, and ke ebengena msindo so nam ndaphuma, akhange abe ethetha indi moere goed ndabe ndimvha nje ethukisa uti ndimqhela ikaka kutheni ngok sendizo hamba ebsuku.

It is true what they say, you as a woman are the only person who can teach a man how to treat you, uVuyo bendimqhelise into yokuba no matter what he did I would stick by him. Emane esithi xa eqhayisa ngam ebantwini that I am a strong person, strong person wokunya ofuneke abe strong for uviswa nguye kabhlungu. Ndithe ndophuma esbhedlele ebsuku bendizi xebele that I would go live ePaarl nje kancinci kwi family yam epha, than I would travel to work noko I worked eKuilsvier so it was not that far. My mum ebengazo kwazi ukuhlala with my kids, I needed umama ka Vuyo to take them nje noba zinyangana ndike ndibetwe ngumoya.

uVuyo ufike ndihleli kowabo efront, umama wakhe wathukisa ke embuza undibethela ntoni, waxoka wathi ndiyamjolela, nalapho I did not say a thing ndiveske ndamjamela. His mom

told him ndizothini unga joli uzilibele kwa yena Vuyo he had brought enye inkazana to come meet his mother just weeks prior. I was over this whole conversation that was going around in circles mna, I had asked his mother if ndingathetha naye eroomini, she said yes, I asked her if she could keep the kids because I needed time, wavuma ke ndamxelela ukuba I would bring them ngomso ubuya kwam from work. His mother was not a fan of me but ke ebeba thanda abazukulwana bakhe. I told her I would send money than ndize ndizo kwenza igrocer xa ndipayile, nyani ke wavuma. Uphuma kwam uvuyo ebeme phandle etshaya, ndithe ndiyongena emotweni wathi kum yimoto yemali yakhe nale ndingena kuyo, ndaveske ndakupha into zam emotweni nda ngena kowabo ndacela iblack bag and put my stuff in there, I gave the bag to his sister ndathi I would come get it ngomso. Xa ndiphuma ndamnika istixo semoto yakhe uVuyo ndathi chu ndidumbe ndinjalo nalo camente yam ndagoduka.

I was done, I loved him but I just did not have energy anymore, I was mentally, emotionally and physically drained from all that I had let him put me through. I may not have deserved any of it, but I take full responsibility for having let him do this to me for 16years.

25.

I did not understand Bhut Vuyo at all, how can he be so loving and kind to us aphinde ajike akhohlakale ngolu hlobo for someone who actually really loved him. Yolanda was a rare commodity kalok, abasekho abantu aba fana naye ngu SEASON OF THE BITCH ngok, akusekho mntu ofuna uqhelwa yindoda , ithi isinya sibaleke siyo vulela enye indoda imilenze thina sithuthuzelwe lithumbu. He was being fucken petty yaz uVuyo because akazazi uyisaphi nale moto, maybe he had forgotten that the very same person ebemnyela now was the only person other from us who actually loved him and not imali le yakhe, because ezi kakakazi ebejola nazo zinga funi nophangela were only with him kuba befuna utya imali le yakhe. Is it just me or amantombi wase lokshini have this sense of entitlement, I don't know yi mentality evelaphi le yabo but let me school you pretty quick.

A man does not have to do jack shit apart from love you, be loyal and give you damn good dick. Ndini bukela qho ufike when umntu esithi “ ngaske ndifumane iou ezondi thengela icooper”, bitch phangela and buy your own damn car, akufani lamadoda esi abusa because we become to financially dependent on them, umntu uyayazi that no matter what he

does, uzohlala umadam uzomcenga amfake kwa Zara nakwa Aldo, ibe uxolelwe. Siyamosha girls, this is also why our own friends ziphela zisityela amadoda, andithi xa ubuya kulo waterfront nezo paper bag zakho, you call your friend ubalise ngale shopping trip yakho, isihlobo ke sona si bawela ezo paper bag nazo, aqonde ndizom thathela umntu wakhe. Iphinde ibe buhlungu ke nendaba yalo friend because lendoda izomtya imshiye inga khangе imenzele fokol ijike imbize “iweyi”.

I know your problem reading this and thinking that haisuka ushumanekile wena nalo moto yakho ye bongo and house, im not going to lie I’d rather be where I am with all the things I have than settle for a man who does not deserve me, the truth is niyafana nam, nilala nodwa nina kuqala because lamadoda enu anishiya ninye weekend na weekend, but the difference is mna I don’t have to worry about a man who is out in the streets and if imandi lekuku aleli phezi kwayo than uzobuya athathe all his things. No babe yeyam le ibedi ndilala kuyo andishiyanga khaya lam ndohlalisana kuba ndileqa utya udebonair every night. Ladies start having ambition, yes we all want someone to be happy with, but kalok makunga casba ubumi buyema xa ungena ou kuba ngok awusa affordi ungena kwa Debra every week uyotshintsha intloko le yakho. MEN are not the end all of life, ukutya indoda ye chomi yakho just so kuzotwa ebe deke the table for you nge weekend is not worth losing your dignity

over, phof ke ndiyayazi ba ndithetha ne kaka zabantu abangozoyivha lento ndithethayo.

My point is, be the master of your own life, make your own money, get mother fucken standards, and make yourself happy, men must look at you and think that dammit I have got to be at the top of my game before I even try any shit with her, mayiyazi ba umdingela isende eli lakhe qha, and if uyanya wena kalok you are the Queen B you know how to and will get better than him, you know your worth and are not settling.

Umama oko wayethukisa ke lo Sunday ndade ndahamba esanxola njalo. I was finally going to see a doctor this week, which meant ezam inxaki bezizo phela this week. Nyani ke I went to the OB/GYN that Thursday, uXola had offered to go with me ndathi no it is fine. This was going to be easy I'd walk in there and all the doctor had to do was give me a pill iphele yonke lenxaki, oh how I was wrong. This man was working on my nerves, I had walked into his office and he had set me down and we had gone through my results from ePath-care, oh no I wasn't sick, they'd insisted I come back after iwindow period but bendingazo yenza lo shit. After the Dr had asked me to pee for him and confirm that I was pregnant, he had calculated how long he thought I'd been pregnant for he told me he had to do

a scan, and while he was down there he would have to take a couple of swabs so he could run a papsmear. Nyani ke I took my pants off and put on the robe he took the swabs first and then I had the transvaginal ultrasound done. I

didn't want to get attached so I wasn't even looking at the screen, he asked me why I didn't want to see the baby, I could hear the faint heart beat on the monitor , ibindenzela nje isthukthezi yonke lento. Nyani when he got done he confirmed that I was due which month, due ntoni because I wasn't keeping it mna. He sat me down after wards and asked me if I had any questions, this was it when I'd tell him I wanted a termination, nyani ke ndamxelela that I wanted him to terminate the pregnancy, he laske lasineka ibhulu ndithetha. He then told me that he was Anti-termination yena and did not conduct such procedures unless the pregnancy was harmful to the mother and in my case it was not. I then asked him for a referral and he told me that the best he would do would be to write me one but it would be for Mary Stopes. Anda dikwa thiza wam, kaloku even though Mary-Stopes is a woman's clinic but us black people immediately associate it with abortions and nothing else. When I left there bendi af nyani, I now had to research londaba yalo Mary-Stopes leyo and then get there ASAP.

Xola called later that day and asked me how it went, I told her the baby was fine and made an excuse about being busy. Bendi busy phi guys coz I was checking out the Mary Stopes site, bendifuna uyazi kwanto, andithi this was my last option now I could not afford to have it backfire in my face. The Friday when I got to work I called them and they were actually really helpful but I was told that I had to attend 3 therapy sessions before they could do the procedure. Nani ke niyayazi that my Job is hectic, and with the new client we had bendi ma tasa tasa, but I was going to find time, atleast I was only 8 weeks pregnant which meant I had another two months, andithi they don't do abortions xana ungapha kwe 16weeks. How hard could it be to hide a baby bump, teen girls do it all the time, and ke kalok esam isisu besithe nca emqolo so I was damn sure that I would show any time soon. I than scheduled those sessions, I would have to attend one a week starting 2weeks from now, so 5 weeks from today it would be bye bye baby. The following two weeks flew by pretty fast, I was stuck at work, and akhange ndigoduke tu, lento ilapha kum ibindenzela umjojo because I'd started having weird cravings and I did not want umama catching on and uNande was too happy with having his cousins stay endlini ebengena ne lus yam.

The first session I attended mna I had thought that it was going to be straightforward and all I had to do was state my reason for not wanting umntana and come on I sold brands for a living my life was all about analysing human perception and trying to deceive it any way possible, how hard could it be to state my case to some nurse. Hehe clearly le mfund yam andiyisebenzisi at all, ufika kwam pha I was told im going to be talking to an actual Psychologist, I'd never seen a shrink zinto zama bhulu mos ezo ndizozithini mna. The first session had nothing to do with my pregnancy at all, umntu waske wandibuza ngam, I had spent a whole hour telling a person about who I was and where I came from, I thought that she would say something to me waske wathi kum we would continue next week. He mahn oko ndibzwa imibuzo akhange t andibuze ngoku mitha. I felt like I was being psyched out, there was next week so maybe we would tackle why I didn't want the baby than. On the second session we spoke about the relationship I had with my son, what type of relationship I had with him, my previous pregnancy, as well as if I thought I was a fit mother. This was by far the hardest conversation I had ever had to date. It opened up wounds as well as insecurities, I was feeling a sense of guilt about maybe I was a bad mother to my son because I had initially not wanted to have him, I felt like Lutho had forced me to have him in the first place. Kwa the decision to keep him I had not done because I wanted to but because I felt like it was

the only way I could save my relationship because I knew Lutho would not stay with me if I had an abortion.

Ndaphuma kuleya isession ndingeko right at all, he mahn bekusenzeka ntoni na ngam. I had issues that I clearly did not know I even had, my thoughts were now all over the place, before I went back for the final session I had convinced myself that the shrink was just trying to fuck up my mind, I had a vision and I was not going to screw with it. Just like all the other sessions yonke nje into that happened pha caught me off guard, this time she asked me about why I didn't want to keep the baby I told her why, I told her about my goals and how I had not planned the pregnancy at all. She asked me about the baby daddy , kunini ndimlindele andibuze ngalento and initially I had told myself that ndizoxoka ndithi andimazi, but I had opened up about so much that I told him about Lutho being utata womntana, nyan ke ndabalisa yonke into even about our history. At the end of the session she finally gave me feedback.

“ it is good that you have goals, but what I got from you was that you have career goals but you said nothing about any of your personal goals, what about having a family, finding a companion. Even though you told me you want to terminate the pregnancy because of how it would interfere with work, I feel like there is a deeper reason to why you want to do it, maybe

it's because of the father, or the fact that you have insecurities about the type of mother you are, maybe you really do not want the child, or you are just afraid of having the and think you will have to raise it on your own. I can't stop you from having this abortion, but what I would recommend you do is take the next two weeks to reflect, really think about what it is you want, and if you are doing this for the right reasons. I schedule the termination for just before you reach the 16 week mark. If you still want to go ahead with the termination than do so, but if you find the courage to go through with having this baby than you can just call in at the clinic and cancel the appointment. It was a pleasure meeting you Linda, I hope that you find peace with whatever decision you make"

I walked out of that office ndingasayazi ukuthi mandithini. I came here so sure of myself and what I wanted to do and what I had wanted to do it, I spent 4 and a half hours with this woman over 3 weeks and she had changed the way I looked at my whole life. I have always been a diligent planner but now I was starting to doubt that maybe I was too busy trying to control everything in my life that I had lost track of why it was I was planning in the first place, I wanted that Dream job but I wanted more than a booming career and I wanted it all and I was so focused on just my career a forget that it on its own would not keep me happy forever.

26.

We make decisions every day of our lives, usually in the best interest of ourselves or those around us. I had made a decision, noba ningandi buza isizathu sokuthi ndigqibe nguluhlobo endi gqibe ngalo na. I could never be able to give you a definite answer. I do not believe in fate, but what I do know is that one can alter their own destiny, there is nothing easy about taking a decision regarding the life of another, especially if that decision is about whether or not they shall be given a chance at life. Oh how easy it is to judge people who have abortions, not knowing the amount of turmoil that goes with making such a decision. The pain one has to go through knowing that they had a chance to have someone that they could call their own, someone who was naturally inclined to love you with so much might, knowing that your piece of perfection will never get to be.

Uphuma kwam eMary Stopes I was an emotional mess, I am not a quitter, but I felt like I had quit, I had reneged on my initial decision. Lord knows I wanted to go ahead with the procedure, but I couldn't, knowing that if I go ahead and terminate this pregnancy there would no turning back, no chance at a redo. As I drove home there was no plan, I did not know what I would tell my family I did not even know if I wanted to tell them, but what I do know is that my child

deserved a chance at life and that is exactly what I was going to give it.

At 18 weeks pregnant I was more than just showing, I had called my mom 2 days even kokuba ndi thathe isigqibo sokuthi I am keeping the baby, she told me that kudala endi krokrela kakade, she was not exactly happy, she asked me who utata womntana was and I had told her that I am not ready to tell her as yet, nani ke niyamazi usisi wenu, she did not hold back and told me how disappointed she would be if I had gone and gotten pregnant by umyeni womntu. Ndamhleka wethu and had reassured her that it was nothing of the sort. Xola had gone ahead and told the others about my pregnancy, Litha was persistent ebuza ukuba nguban utata womntana because he was trying his damn hardest to come up with a name but he couldn't unless I was seeing someone at work. Bendiba hleka sana because they all had these theories and every now and again he or Sisanda would text bathi I must just tell them who it was. I was not planning on hiding the father's identity for ever but bendingayazi how I would explain what happened to everyone. Lutho was meant to be a closed book kalok.

Akho mntu who does not want their kids to grow up in a household with both their parents, but I had to face facts, my kids would never have that. I had thought about telling uLutho

about the pregnancy, but the part of me that was hurt and a little bitter just wouldn't let me. He hadn't even bothered calling me after we had slept together, why should I then feel inclined to tell him, when he didn't even call to speak about what had happened. Ever since I had spoken to the shrink about him I had not stopped thinking a lot of what ifs. If I told him about this baby I would have to see him more often, what if he didn't even want the baby, Nande had mentioned something to me about having a little sister so clearly Aunty Zee had given birth, Lutho did not have time for omnye umntana. You guys are probably asking yourself why the hell I was hurt because ndileli naye ndisazi ukuba he is with someone else, I do not know guys nyani andiyazi, but I still had feelings for him feelings I thought were long gone, but ever since that morning when we were lying in still blissfulness something happened. Maybe if I had gone ahead and aborted the baby than I wouldn't feel this way, andiyazi nyan, I keep trying to figure it out and put together the pieces but I just couldn't make sense of anything. I didn't know if I wanted him back, or maybe zi hormones ezi or maybe I just wanted someone who would be there for me nam, akhonto imandi than getting support from your baby daddy when you are pregnant. Foot rubs guys, noveske umtefele umntu wakho ungayazi ukuba utefela ntoni, coming to terms with the fact that andizuba nayo mna lonto ibi ndenza ndibe frats worse.

It was on a Sunday sihleli ekhaya ke, my brothers kids still stayed there, I had just sat down and explained to uNande that I was going to have another baby. You all know what kids are like, he went to brag to his cousins and after that wayilibala yonke lonto. Even though I wasn't getting back rubs and someone attending to my cravings, I felt somewhat lighter now that I had told them. My mom ibingamhlelanga kamandi tu lento yam yongamxeleli utata womntana, but I just wasn't ready, I didn't want to take the risk of telling someone and then having them run their mouth. She had told me that I should call my dad and tell him.

Me:haibo mama, ubhut Boy uzoyithini into yokumitha kwam

Mama: ngu tata wakho uBoy Linda, nguye ekufuneke edibene nabantu baklomntu ukumithisileyo

Me: hay mama ngumntana wam wosibini nje lo akuzo hlawulwa sisu nje

Her: uqavile apha ekubenzeni abantwana, uphinde ujike ube dom kwezinye izinto. Noba asizusiwa isisu, but the fathers family has to be informed Linda, nje nge sintu.

Me: hayi mama that is not necessary nje, we can do that naxa umntana sekhona nje

Her: sismanga esi sakho, caba uzi xebele ukuba uzomfihla lomntu ukumithisileyo, he hay yintsomi le yakho, so uzoza

nomntana ungasi xeledi nokuba ngowaphi, andiwazi lamnyala uwenzayo Linda, undenzela nje istress wena

Me: mama ndizo kuxelela but okwa ngok andikabikho ready

Her: Babe baninzi bekhala ngo im not ready, abantwana babo nok baba kupha ko 'khumbula ekhaya", akho bantu be tv abazongena kwam bezondibuza imibuzo mna endingazi kwazi ukuyi phendula

Me: hay mahn mama kutheni une drama, andikabi nazo nenyanga ezininzi nje

Her: nasi isisu sithe qhutsu, I wonder uzoxelela ban le secret yakho xa ungazoxelela unyoke

It didn't matter what I said to my mom, there was just no reasoning with her, ebezo qina ke sana because I was not budging one bit, bebezoke bame nje kancinci bebonke plus ichomi ezi zam. You guys all remember the Jozi trip that my friend and I had been talking about taking but had never finalised it. Well we had decided that with the long weekend coming up this week besizoya, Thatos' cousin from back home was getting married, and this would probably be the last time I could take a trip with them before the baby came.

27.

Litha, Xola and I flew to Jozi the Thursday afternoon. Thato had left earlier on in the week to help with the wedding. Le trip yethu ke was very last minute but since uThato was from there besi sorted as she had told us not to get a car she would hook it up as well as accommodation. When we arrived in Jozi we had checked into the Hilton hotel we were only staying there the one night, Thato was from Pretoria actually, but we had decided to stay in Jozi Thursday night, sike siphume ndikwazi nobona uSisanda mna. The plan was that Sisanda was going to pick us up at the hotel and we would do dinner and maybe hit a club or two. Ewe sanu nyusa impulo fokol, I was going to go clubbing ndimithi ndinjalo, I wasn't at the 5 month mark yet and plus my baby bump was pretty cute.

He mahn kumandi ukuba ngabanye abantu, uzothi ungaphangeli uqhube iX6 thiza wam, u see Sisanda is one of those girls I referred to at the beginning of the story who had always dreamt about getting herself a rich man. The thing is that Sisanda didn't just dream about getting a rich man, she had made it a damn reality. She had moved to Jozi 5years ago, esithi kum yena she was sick of Cape Town, she needed to move up here in order to find what she was looking for, iKapa

beligcwele nje men who had no ambition and that was not for her. Kule 5 year's elapha uSisanda andikhumbuli nakanye esithi kum uyaphangela, yet her life style was way more extravagant than yours or mine. She was on guy number 3 now, ever since eze apha, but they've been together for a while and from what I know they are really serious and she was just waiting on him to propose. Wasi landa ke ngale last number ye X6 yakhe and took us to this flashy restaurant.

You guys all know I am not new to the finer things in life, but I feel like the people in Jozi are not cultured at all, ingathi abana class mahn, they have this thing about them where they feel they have to flash their money, kwa impahla le bebeyi nxiba iyanxola. Kalok mna ndiqhele ubukela lama bhulukazi ase Clifton nase Franshoek, umntu umbone nje nge skin ukuba une mali, ngok senxibe iflops. Apha people didn't just wear flops and let their posture speak for them, ha a sana, ezoflops ezo funeke zibe yi Gucci and have the red and green stripes so that wonke umntu azoyazi ukuba unyathela uGucci. Dinner was nice because we were catching up, doesn't matter how many times a week you speak to someone, when you haven't seen each other in a long time ayipheli tu incoko.

